UMTETELI WA BANTU

(JOHANNESBURG)

FEBRUARY 7th, 1925.

# Lipina Iqula Lamanzi e Afrika?

(Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto).

U Dafeti wati kwakonakala
Waka amanzi equla apalala
Pambi ko Yehova ecamagushela
Nawe ke Afrika lila ungcangcazela.

Siko sisahleli silele ngesonye,
Sakusiv' indaba sogada ngelinye
Kulo mitandazo yenu asibangako
Ecase aba ntsundu ngohlob' olungako.

Ejaca ne ngcingo eqekeza mawa
Esuke Tukela ime nge Wukuwa,
Sitsho tina ntombi zama kota mb'ola
Xa'sipike nani singatshabalala.

Lipi "Iqula" lamanzi e Afrika
Nday' bona imfene emaziyo amdaka
Elama Juda nanamhla lisamile
Ndoteta libe linye eletu lomile.

Sibonakala ngobus' ukuk'utuka
Ngati sabetwa ngezisihla zodaka
Walalana pandle akwabi savuka
Yiza n-manzi "Equla" le Afrika.

Esinye izizwe zihlel' ekucaceni
Owetu umzi uhlel' ebumnyameni
Latsha ngenyani "Iqula" le Afrika
Nday' bona imfene emazinyo amdaka

"Iqula" la manzi li Ziko le Nyembezi
Ap' uti wakut-ta ziwe inyembezi
Ndalihamba ilizwe ndingena ncwadi
U Dafede utini kweziya ncwadi?

Bupina ubuntu bupina ubumnandi
Uyakubuya nako ungasatandi
Latsha! ilizwe lingatshiswa Mdali
Ngenxa yentshutshiso ngubani ongalili?

Izizwe zomhlaba nandso zixwitana
Ngetambo lomhlabe ziyagxagxisana
Zide zatata nentonga zabekelela
Zifuna lomzi wetu odumo ludala.

U-Dafeti wati kwakonakala
Waka amanzi "Equla" apalala
Waza wenjenjalo amaxa ngamaxa
Wena unyabile nje? Utini ngelixa?

Elama Juda nanamhla lisamile
Ekubulaweni zintsizi nalirele
Uyakubuya! Noba akusatandi
Nditsho usilwa ubeta nange nqindi.

Yenza "Amanzi" e Afrika ahlokome
Enze "Isijwili" nesikalo apupume
Apakamise! namanxila e Gqili
Ndiyakuyala ke! andikuhhleli.

Camagu!!